**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**UHLELO OLUPHANTSI**
**(Iphepha Lesibini)**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

---

**IMIYALELO:**

Eli phepha linamacandelo amahlanu u- A, B, C, D no E.
Makuphendulwe imibuzo emiBini ngencwadi eziMbini kuphela.
Umviwa makasebenzise iinombolo ezisetyenzisiweyo.

---

## ICANDELO A
### UMBUZO 1

***Isihobe***: ***Khala zome***: **Ngcwabe LSM**.

1.1 Funda isicatshulwa esilandelayo uze uphendule imibuzo.

**UBUGORHA**

Kumagorh' asemhlabeni
Andizange ndalibona,
Ndingasoze ndalibona
Elingamelana neli
  Kuth'wa nguSibindi.

Kwaba ncinci nabadala
Uhlala entliziyweni,
Ufudumez' umbilini,
Z'banjwa nguye ke iintambo
  Mhla kutshis' ibunzi.

Waziphelela yena
Enkonzweni yamagwala;
Woze selingcangcazela
Alikhaliphise lilwe –
  Kungamili nengca.

NguMahlal' exhobe kade,
Entliziywen' ungambona,
Phaya ngasemnyang' ukhona,
NguMehlo akaqhwanyazi,
  Ulindel' ubizo.

Kowu! wena! –Ungamsezi!
Akunxil' unamabhongo ,
'Suke akuvus' iqungo
Ungabon' ugebeng' umntu
Engenzanga lutho.

Nasentlango kusekhaya,
Ndingalala ethafeni,
Ndingakhwaza ehlathini,
Ndinesibindi sendoda,
Ndiyingwe ngokwam!

1.1.1 Yintoni le ibonwa njengegorha kulo mhobe? (1)

1.1.2 Sihlala phi isibindi emzimbeni womntu? (1)

1.1.3 Bhala isivakalisi esikumhlathi-2 nesibonisa mhla kunzima. (2)

1.1.4 Nika izizathu ezithathu ezikhankanyiweyo kumhlathi-3 nezibangela ukuba angaseva umntu onesibindi. (3)

1.1.5 Balula kwakhona izinto ezingenziwa ngumntu onesibindi nezikumhlathi wokugqibela. (3)

1.1.6. Bhala izafobe ezikumhlathi-1, 2 no-3. (3)
**[13]**

1.2 Funda kwakho lo mhobe uze uphendule imibuzo.

**MFANA WAM**

Obu bomi buyadlula,
Bala imizuzu yakho
Ngenzinyana nangelula
    Imizamo.

Abaqabel' encotsheni
Yaloo ndunduma yobomi
Ngababuya emfazweni
    Beneenduma.

Ubudoda buyathengwa,
Ixabiso ziingongoma;
Negolide ayicholwa,
    Iyembiwa.

Iyaqhekeka nengqondo
Kude kuthi zibulale
Azilula izifundo
    Ndiyazazi.

1.2.1 Bhala izinto ekufuneka zenziwe ngumntu ofuna impumelelo. (3)

1.2.2 Chonga isafobe kumhlathi-4, uchaze nentsingiselo yaso. (2)

1.2.3 Chonga impendulo eyiyo:
(a) Ukubala imizuzu yakho, kuthetha (ukulondoloza ixesha, ukudlala ngexesha lakho.) (1)
(b) Ubudoda buyathengwa (ubudoda buyasetyenzelwa, buyabhatalelwa.) (1)

1.2.4 Ufunde ntoni kulo mhobe? (2)
**[9]**

1.3 Phendula imibuzo ngalo mhobe ulandelayo.

Phay' ezindywaleni
Amancoko, nezibhoxi zikho;
Phay' ezinkundleni
Amaciko, namayilo akho;
Phay' emitshatweni
Ayatyityimb' amakhosazana –
Bonke bonwabile.

Kum' emehlweni
Kuth'wa, "Likhangel' uligqibelise."
Kum' entliziyweni
Kuth'wa, "Zikholise de wanele."
Kuba engcwabeni
Andisoze nd'phinde ndibubone.

*Ubuhle bomhlaba.*

1.3.1 Sithini isihloko somhobe? (1)

1.3.2 Bhala izivakalisi ezibini ezikwivesi yesibini nezibonisa ukonwaba kwabantu emhlabeni. (2)

1.3.3 Kwakule vesi bhala uphindo-magama olwenzeke kwizivakalisi ezithathu, ubhale nezivakalisi ezo. (3)

1.3.4 Bhala amagama azizichasaniso kulo mhlathi-2. (1)

1.3.5 Bhala izivakalisi ezibini ezibonisa ukwenza konke onakho emhlabeni, ubone yonke into onakho ukuyibona ngokuba akunakuze uphinde uyibone wakufa. (2)
**[9]**

1.4 Phendula kwakhona imibuzo ngesi silandelayo isicatshulwa:

**IQHOSHA LAM**

Ndineqhosha ligugile,
Aliseva nangendlebe,
Kwanamehlo abolile,
Kodw' umlomo usaphila.

Ungafika lincumile,
Selingasatweli[1] ngako,
Likhenkceza ligcobile,
Lizibuka-buka ebhatyini.

Ndalambulelwa ngubawo,
Kodwa akungeze utsho:
Liyafana tu nawo
Onke amaqhosha am.

Ndakha ndathi ngeny' imini,
Ndihombile ngezodidi
(Ndandisiya emtshatweni)
Ndeva selidanduluka:

"Ndidiniwe yimitshato;
Azisekhw' iintanga zam:
Sezaphumla kwimitshato
Sezinikele koonyana.

1.4.1 Bhala izinto ezibonisa ubudala beli qhosha. (2)

1.4.2 Bhala igama elithetha ubudala kule vesi yokuqala. (1)

1.4.3 Athetha ntoni la magama alandelayo
(a) likhenkceza? (1)
(b) selingasatweli? (1)

1.4.4 Walithatha phi eli qhosha lo mfo? (1)

1.4.5 Bhala igama elithetha ukulinikwa eli qhosha nelikwivesi yesithathu. (1)

1.4.6 Athetha ntoni amabinza alandelayo nakwivesi yesine:
(a) ndihombile ngezodidi. (1)
(b) selidanduluka. (1)

**[9]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

## ICANDELO B
## UMBUZO 2

***Umdlalo: Isisila sehobe*: Satyo SC no-Gwashu FF.**

2.1 Funda esisicatshulwa, wandule ukuphendula imibuzo

> **UMzingiso** *(Erhabula. isise!o sakhe se-orenji,. ebuya eyibeka phantsi igilasi):*. Mhm-m-m! Hayi, ndiyakuva, Nqabsi. Ndiyakuva, mfondini. Ndibulela kakhu-u-ulu ukuzikhathaza kwakho ngam. Akuqali kubonisa ubuhlobo obunyanisekileyo kum. Kumaxesha ngamaxesha, oko waba yindoda ejongene nemicimbi yeli khaya, usoloko undibonisa ubuhlobo obendeleyo kum. Indivuyisa kakhulu ke loo nto. Ngenene!
>
> Nam, ndihleli apha nje, ndikholose ngawe ngokupheleleyo. Iyandivuyisa into yokuthi xa ubona okubonayo, nakwimicimbi yam ejongene nam kuphela, ungoyiki ukundivuselela. Akusosicaka kum wena. Ungumhlobo wam osenyongweni wena! Ungubawo owandizalayo. Nangoku oku, ndisingethwe nguwe.

2.1.1 UMzingiso uthetha nabani? (1)

2.1.2 Bazana kanjani nalo athetha naye? (1)

2.1.3 Bhala izinto ezintathu ezibonisa ubuhlobo bokwenene kwesi sibini. (3)

2.1.4 Unantlungu ni uMzingiso? (1)

2.1.5 Lo Dineka umalayo ubalasele ngantoni? (1)

2.1.6 Yintoni le yamenza esi sityebi? (2)

2.1.7 Wahluke njani kwezinye intombi zeAfrika? (2)

2.1.8 Kukuthini ukuba nomvandedwa? (2)
**[13]**

2.2 Phendula imibuzo ngesi sicatshulwa silandelayo.

> **UQalisile:** Ndikuva kakuhle, mfazi wakowethu, nina wabantwana bam! Nam, ndizinikele ndonke kuwe, ndonke ndiphela. Ndixolele nayiphi na into enokundihlela kule nto yonke, nokuba yintoni na. Ndingakuwe yonk' indlela!
>
> **UNomatshamba:** Ndivuya kakhulu bhut' Qali. Uze usoloko ukhumbula ukuba, oku konke sikwenzela thina sobabini … sobabini qha! Beka loo nto phambi kwakho; nam ndiya kuhlala emthandazweni lonke ixesha ongekhoyo 'de ubuye – ubuyele kum.
>
> **UQalisile** *(Emwola-wola):* Ndizimisele ukwenza njengoko undiyalela, Tshambi wam. Andizange ndiyiphazame into xa ndiyenzayo. Kungaba kuya kuba kokuqala kulo mhlab' uphantsi, ndiyakuqinisekisa kuleyo into. Nants' eny' into ke; idolophu yaseMgungundlovu andiyazi, andizange ndikhe ndiye kufika khona. Ndawo ndiyaziyo kukwaMashu, eDurban. Andazi ke ukuba ndiya ku …

2.2.1 Kutheni uQalisile ezimisele kangaka ekwenzeni yonke into ayithunywa nguNomatshamba? (1)

2.2.2 Ingaba uNomatshamba ukule ngqondo akuyo uQalisile? (2)

2.2.3 Le mali uzakwenzani ngayo uNomatshamba? (1)

2.2.4 Zeziphi indawo ezazisaziwa nguQalisile? (1)
**[5]**

2.3 Funda kwakhona esi isicatshulwa uze uphendule imibuzo.

> **UQalisile** *(Ekhova ukurhabula egilasini):* Ezi zinto uzibalayo, Tshambi, othi kufuneka ndibe ndinazo ukuze ndilunge kulo msebenzi, ndingaphendula ndithi kuwe: Uhlakanipho nokuphapha engqondweni zizinto ezandenza ukuba ndibe nguyena uphambili kwiphepha Imvo. Isibindi ke sona andingechazi nto ngaso, leyo yesibindi ingasuke ivele ngelo ixesha kufuneka isibindi. Ngokwesigqibo esikhawulezayo, yinto yam leyo. Andinampikiswano nezimvo zam.
>
> **UNomatshamba** *(Ezazulazula):* Kude kwathi nqo ke xa kunjalo, sithandwa. Ezinye ke izinto eziya kufuneka kulo mcimbi sendisazi ukuba unazo zona. Hay' unazo.
>
> **UQalisile** *(Endweba):* Ziziphi ke ezo, Tshambakazi?
>
> **UNomatshamba:** Ubunzwana, umfaneleko empahleni yokunxiba kwanokubetha kolwimi kamnandi, ngakumbi xa usoma ulwimi lwasemaNgesini.

2.3.1 Ziimpawu zini awayezibona enazo uQalisile nezaziza kumpasisa kulo msebenzi kaNomatshamba? (3)

2.3.2 Yena uNomatshamba ubona mpawu zini kulo mfo? (3)

2.3.3 Nika igama lephephandaba awabalasela kulo uQalisile ngenxa yokuhlakanipha kwakhe. (1)

2.3.4 Kukuthini:
(a) ukuba nesibindi? (1)
(b) ubunzwana? (1)
(c) ukusoma ulwimi lwesiNgesi? (1)
(d) kutsha ziintambo? (1)
**[11]**

2.4 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo.

> UQalisile *(Entywizisa iinyembezi):* Awu-u-u! Awu-u-u! Athi ke mntundini endinguye! Athi ke mna mntu uludwayi! Az' ukuba ngubani na oya kundihlangula kule meko ndizifake kuyo! Xa namhlanje sendizibona ndililolo kuyo le ntlango! Amapolisa athe bhazalala emva kwam kuleli xesha nje, ngenxa yesono semali! Namhla ndiphelelwe ngumsebenzi wam omhle, ndaphelelwa naligama lakowethu elihle, ngenxa yesono semali! Namhla ndiziphosanisile noDineka, obesendimthande ngokwenene, ngaphandle kokutsalwa

2.4.1. Meko ni azifake kuyo uQalisile? (1)

2.4.2 Ufumene sohlwayo sini ngale meko? (1)

2.4.3 Uphoswe ngubani uQalisile ngenxa yesi simo, mntu lowo wayeselemthanda? (1)

2.4.4 Yintoni enye into emphulukileyo ngenxa yemali? (1)

2.4.5 Kutheni kusithiwa uNomatshamba yingozi kubafana abantsundu? (2)

2.4.6 Chaza okuthethwa ngala mabinzana :
(a) umntu oludwayi. (1)
(b) oya kundihlangula. (1)
(c) athe bhazalala (1)
(d) phakathi komlisela. (1)
(e) yobutyhakala. (1)
**[11]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [40]**

## ICANDELO C
### UMBUZO 3

***Inoveli: Umakhwekhwetha*: Mcimeli RF.**

3.1 Phendula imibuzo ngesi sicatshulwa.

> Phambi kokuba sihambe naye uJoe simsa kwesona sikhulu isikhululo samapolisa uthe uMakhwekhwetha kuNonzame, "Kwekhu! Undikhulule, ntombi ngamazinyo akho. Enenini wena xa sendithetha inyaniso idompasi le ibiya kusihambisa nzima ngakumbi xa sesihlangene negqwetha." Emva koko uguqukele kuJoe wathi, "Ubumele ukuba uneentloni ngale nto uyiyo. Uthwaliswe uxanduva lokuba ukhusele uluntu ekudlakathisweni, ekuhlaselweni nasekuphangweni, kodwa kwawena ungowokuqala ukwenza ezo zinto eluntwini. Ndivile nokuba u'ewe' lo wena umfuna ngenkani: ubethe, ujije neengalo kube nje. Kuyo yonke into usebenzisa ubundlobongela. Umsebenzi wakho kukukhusela uluntu, kodwa kwawena uyazinqolobela kwalapha kula: Magolodandini walus'iimpuku. Uza kufunda ukuba ayikho *iGestapo* apha eCiskei, lilizwe leDemokhrasi eli. Ewe, asinayo thina mfo *iGeheimstatspolizei* apha."

3.1.1 Kutheni uJoe esithi umkhulule nje uNonzame ngamazinyo akhe? (2)

3.1.2 Kutheni ebonwa njengomntu ongenantloni uJoe? (3)

3.1.3 Ngubani lo umangalela uJoe? (1)

3.1.4 Ulucela njani uthando uJoe? (1)

3.1.5 Kufuneka abe njani eluntwini? (1)
**[8]**

3.2 Phendula kwakhona imibuzo ngesicatshulwa esilandelayo.

> "Bendifuna ukuzivelela zonke iinkalo," utsho lo mfo waphuma esiya kuthatha iikomityi zethu zekofu. Ndimthe nzo emqolo ngoko aphumayo ndijonge isimanga somntu: iqaqasholwana lexhego elisoloko linxibe impahla engathi iphuma emlonyeni wenkomo ukushwabana oku, ukuhamba lide linge likekele kodwa lingenantanga kweso sikhululo, mhlwawumbi nakwesiphi na, ngobukrele-krele nobunzulu bengqondo. Ngaloo mini wayendifundise izinto ezininzi kodwa kuqaqambe kuzo amazwi *kaShakespeare* athi: "Abukho ubuchule bokwazi into esengqondweni yomntu ngokujonga ebusweni bakhe." Ndongeza engqondweni ngokuthi, ". . . ngaphandle kokuba nezenzo zakhe ziyangqina."

3.2.1 Ngubani lo uthethayo? (1)

3.2.2 Sasinjani isinxibo sikaMakhwekhwetha? (2)

3.2.3 Yintoni awayezibalule ngayo kuso sonke eso simo sakhe? (1)

3.2.4 NgokukaMakhwekhwetha noSiphuka umntu uqiniseka nini ukuba uyayazi into esengqondweni emntwini? (1)
**[5]**

3.3. Funda isicatshulwa uze uphendule imibuzo.

Kwangena ugqirha wabulisa ndamva uNokhala evuma. Uthe xa abuza impilo ugqirha, gangqa wangena umLungu wakwa-A.A. Uthe ukuba angene wanditsala uMakhwekhwetha see gangqa nathi. Sithe xhonkxosholo sobane phambi kukaNokhala.

Sakungena ugqirha wayiyeka impilo wathi, "Mnumzana uMbishe ndiyabona torho ukuba uxakekile, uneendwendwe. Ndiza kugqagqanisa kuba ndingxamile. Uya kuxola, iindaba endikuzisela zona zimbi kakhulu. Emva kokuba umkile esibhedlele siyijongisisile imifanekiso ye*X-Ray* Umlenze lo wona awunanto, uza kuphila. Kuleya besiyithathe apha engqosheni, kuvele nto yimbi endaweni yengqosha eyaphukileyo: unesifo somhlaza, kwaye ndoda sinzima kuba sihlasele umqolo lo. Sinyuke ngomnqonqo, apho isinge khona kusebuchotsheni. Xa sinjalo asikwazeki tu ukunyangeka kuba umqolo awushunqulwa. Ndilusizi, mhlobo wam: andingekuthembisi ukuba uza kuphila ixesha elide. Phofu andazi kuba maxa wambi isayensi iyayenza imimangaliso." Uthe xa alapho, ugqirha wabethwa emlonyeni ngumLungu lo, naye ebhekisa kuNokhala. Yena uphalaze iindaba zokuba uNokhala akayifumani imoto entsha kuba ikomkhulu lakhe lithi aliyiqondi konke indlela ewe ngayo imoto yakhe. Uthe engekagqibi ukuthetha wavakalisa ugqirha ukuba uyahamba ngoku.

3.3.1 Ngobani aba bantu bomthetho babetyelele uNokhala? (2)

3.3.2 Kwakukho bani kulo mzi? (1)

3.3.3 Ugqirha wafumana sifo sini kuNokhala? (1)

3.3.4 Sasise sinabe kangakanani esi sifo? (1)

3.3.5 Yena umlungu weza naziphi indaba? (1)

3.3.6 Yintoni imbangi yokungayifumani le moto entsha? (1)
**[7]**

3.4 Funda kwakhona isicatshulwa uze uphendule imibuzo.

> Ndakujonga kuNokhala ndafika eluthuthu ebusweni. Wayeyithobile intloko ethe nzo phantsi phambi kwakhe. Imilebe le yomlomo yayisele inga iza kuba neenkoko kukuxweba. Uthethe esaqondele njalo wathi ngeliphantsi, "Akunantloni ukubambisa umntu wakokwenu, umntu omnyama kuba eqhatha abeLungu, mpimpindini?"
>
> "Umthetho mfo wakwaNokhala uthi umoni mbambe uye naye ngaphambili. Awukho umthetho othi bulala. Wena ude wenza eyokugqibela: ukubulala abantu kuba ujonge ukufumana imoto entsha. Akunazintloni wena? Akunazintloni zokubulala abantu bakokwenu, ubacime amagama ngenxa yento enganamsebenzi: imoto, sikhohlakalindini? Ngaphezulu umthetho awukhethe bala lamntu, ukhusela wonke ubani. Ndicaphukela ubumenemene obu bakho. Akukho nto ndiyithiye njengomntu onganyanisekanga. Kum umntu onjalo uyasixabela isizwe esiNtsundu; akafanele kuphila."

3.4.1 Bhala iimpawu ezimbini ezibonakala kuNokhala akubona ukuba uyabanjwa. (2)

3.4.2 Wakhalazela ntoni kooMakhwekhwetha? (2)

3.4.3 Waziphendulela njani yena uMakhwekhwetha ngesi sikhalazo? (1)

3.4.4 Kutheni embona njengesikhohlakali uNokhala? (2)

3.4.5 Bhala izinto ezimbini athi uMakhwekhwetha uzithiyile kuNokhala. (2)

3.4.6 Uwuchaza njani umthetho uMakhwekhwetha? (3)
**[12]**

3.5 Phendula imibuzo ngesi sicatshulwa

> "Si! Uyinkabi yamalanga Makhwekhwetha icala lakho linye geqe. Andikwazi ukuba ungumntu otheni na wena wedwa, lo ungqikelelo yakhe inamandla kangaka?" Nditshilo ndimjongile lo mfo xa siphungayo apho esikhululweni sethu emva kokuba evalelwe uNokhala.
>
> "Kanti mfo, andinguye *uSuperman.* Ndenza le nto nawe unakho ukuyenza xa utshatile nomsebenzi lo wakho. Ukuba akutshatanga nomsebenzi wakho, usebenzela imali, uya kusoloko wacinga ukuba ndisisithixo esithile esenza izinto ngemilingo. Ngaphezulu, gcina le nto ndikuxelela yona ithi: ubucuphi obu yisayensi," utsho wancuma ukhwahla, warhabula kanobom kuloo nto imkhuma yekofu. Ndingqiyame esitulweni, ndijonge elo xumbululwana lexhego lidyasi yasoloko inga iphuma emlonyeni wenkomo, lineenkani ngolona hlobo, lingaginyekiyo kubo bonke abecuphi kweso sikhululo ngenxa yomkhwa walo wokuzigwagwisa xa lihlaba iziphene kwabanye; engenantanga ingcaphephe kubugcisa bokucupha!

3.5.1 Yintoni le amncoma ngayo uSiphuka uMakhwekhwetha? (1)

3.5.2 Ububona njengantoni ubucuphi uMakhwekhwetha? (1)

3.5.3 Sasinjani isinxibo sakhe njengokuba ethetha uMakhwekhwetha? (1)

3.5.4 Bhala ezinye impawu zika Makhwekhwetha. (2)

3.5.5 Ezi mpawu zamnika bunzima buni apha ebupoliseni? (1)

3.5.6 Ingaba kulungile ukuzigwagwisa xa usazi into? Naba (2)
**[8]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [40]**

## ICANDELO D
### UMBUZO 4

***Uncwadi lwemveli; Sasinoncwadi kwatanci:* Satyo SC nabanye**

4.1 Iintsomi

4.1.1 Chonga izixhobo ezisetyenziswe ngumbhali kule ntsomi elandelayo, unike nomsebenzi wezixhobo ezo, umzekelo:

> Ngobo busuku impunzi yaya ingaxhobanga ife amacala. Yalinda, yalinda kwaza kwathi xa kusahlulelana ubusuku yeva ingoma emnandi eculwa ngenkinge. Yaya isondela ngokusondela le ngoma, yaza yathi yakuthi phaka impunzi yabona ukuba nguDyaki lo uza ekhalisa inkinge kamnandi kangaka. Yathi kuba ilinxila lengoma yaziva sel' indanduluka: "Mfondini, Dyakalashe, imnandi le ngoma yakho, khawuyiphinde." Uthe uDyakalashe ukuphendula: "Ntang' am, Mpunzi akukayiva! Ukuba ufuna ukuyiva kamnandi, kufuneka ndikubophe imikhono nemilenze." Isidenge esikhulu esingMpunzi savuma. Wasibophelela uDyaki, wasiqinisa nkqi asakwazi nokuthini. Emva koko wathatha izembe kwizixhobo zaso wasixhaxha, wasixhaxha, wayahlula kubini intloko yaso, safa fi. Wath' akubon' ukuba ifile impunzi, uDyakalashe waya kusela njengesiqhelo, weva endleleni.

| Isixhobo | Umsebenzi |
|---|---|
| (a) .................. | .................. |
| (b) .................. | .................. |

(4)

4.1.2 Bhala ezinye izixhobo ezibini ezisetyenziswa ngumenzi wentsomi. (2)

4.1.3 Chaza: (a) intshayelelo ye ntsomi. (1)
(b) isiqu. (1)
(c) Isiphelo (1)

4.1.4 Khetha imisebenzi yentsomi kule misebenzi ibe-3
(a) ziyonwabisa.
(b) ziya fundisa.
(c) ukuba neliso elibukhali.
(d) zinyusa uxabiseko loomakhulu.
(e) zifundisa ukucwangcisa izinto. (3)

4.2 Gqibezela ezi zaci.
(a) Iphela lingene e ....... (1)
(b) Umdudo wo .......... (1)
(c) Ukuba yind .......... (1)
(d) Unyawo lwem ....... (1)
(e) Ukuhlinz'i .......... (1)

4.3 Gqibezela la maqhalo.

4.3.1 (a) Iqaqa aliziva ........ (1)
(b) Imbovane iyalithwala i ........ (1)
(c) Ingwe idla nga .......... (1)
(d) Inyathi ibuzwa .......... (1)
(e) Akukho mpukane .......... (1)

4.4 Amaqhina.

4.4.1 Yintoni iqhina?
4.4.2 Khetha imisebenzi yamaqhina kule misebenzi. (2)

(a) Kukukwazi ukucwangcisa iziphumo.
(b) kukonwabisa.
(c) ukukhumbula izinto.
(d) Ukufundisa.
(e) Ukunyusa ixabiso loomakhulu (4)

4.4.3 Tshatisa u-A no-B.

| | A | | B |
|---|---|---|---|
| (1) | Ndinanto yam lishiti elikhulu, alisongeki | A. | Yincukuthu |
| (2) | Ndinamfundisi wam waseWesile. | B. | Lizulu |
| (3) | Ndinasipaji sam segazi. | C. | Yinkuku. |
| (4) | Ndinamntu wam ungenazindlebe | D. | Lihlungulu |

(4)

4.4.4 Gqibezela la maqhina.

(a) .......... wam waseTshetshi.
(b) Jikelele ..............
(c) ................. Tywa
(d) Ndinanyoka yam inde, ikhupha abantu ngee.... (4)

4.4.5 Yakha amaqhina ngezi mpendulo.

(a) Ngumtshayelo.
(b) Yinaliti.
(c) Ngumcinga wematshisi.
(d) YiBhayibhile. (4)

**AMANQAKU ECANDELO D: [40]**

## ICANDELO E
### UMBUZO 5

***Amabali Amafutshane: Imbadu:*** **Sinxo G.B.**

5.1 Phendula imibuzo ngesi sicatshulwa singezantsi.

> Safika uManyangezinyangela ewuphethe umhlola, engqongwe sisihlwele sabantu. USoligoso waluphosa ukhozo, luziiponti zontlanu, yaza ke inkunzi yasemzini yawaphosa amathamho ayo.
>
> "Nazi iintshaba zakho ndizibona, mfondini!" Latsho igqirha. Sajongana, sayekana, onke amehlo ethu amila kuSoligoso.
>
> "Utshaba olo lukuthumela ngesilwanyana, mfondini!"
>
> "Ngesikhova! Ngesikhova!" Sakhwaza sisitsho sonke ngaxeshanye. Yabonakala incuma into enkulu, ivumelana nathi. Kwaoko sinyuke nengalo, sambongoza ukuba amgonye kwalapho uSoligoso. Layenza bethu yonke loo nto igqirha. Semka apho sisemathembeni amakhulu ngempilo yomhlobo wethu.

5.1.1 Ngubani igama legqirha? (1)

5.1.2 Warhola mali ni uSoligoso kweli gqirha? ' (1)

5.1.3 Yayiyeyokwenzani loo mali? (2)

5.1.4 Igqirha labona ntoni emathanjeni? (1)

5.1.5 Caphula isivakalisi esibonisa ukuba abahlobo bakaSoligoso bayakholelwa ukuba ubulewe. (1)

5.1.6 Silwanyana sini esathathwa njengethumelo ngu Soligoso? (1)

5.1.7 Ngokwesithethe sakwantu, ukubonakala kwesikhova endlwini kuthetha ntoni? (1)

5.1.8 Yintoni eyacelwa ngabahlobo bakaSoligoso egqirheni? (2)

5.1.9 (a) Caphula isivakalisi esibonisa ukucela kumhlathi wokugqibela. (2)
(b) Bemka ooSoligoso benathemba lini egqirheni? (2)
(c) Ingaba amagqirha anoncedo eluntwini? (2)
**[16]**

5.2 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo.

> Kuthe kusenjalo, sabona ngamehlo akhe esihliwa lurhatyazo lukhulu kwaqondakala mhlophe ukuba kamsinyane uza kuba yerholwayo imfama. Kwathi sisamangalisiwe njalo, suke nya, waphel'emehlweni uSoligoso. Zahamba zaqingqitha iintsuku engaziwa bani apho akhona. Ngoku sagqiba sonke ukuba izinto zikaMdedlana ziye kumtshabalalisela apho singaziyo.
>
> Kwala ngobusukwazana obungasayi kuze bulibaleke, yehla into eyayingazange icingeke. Sonke sasihleli esikolweni sethu, kwanga sibona umsholoqu. Kanti nguSoligoso, uhamba ngeenyawo zakhe zombini! Kwakudaleke umahluko ongummangaliso kuye. Ubuso bakhe babukhazimla yimpilo nochwayito. Sahlala apho sijongana sibe sijonge yena, sonke sikhwankqisiwe, sifuna ukuba ubangelwe yini na lo mahluko ungummangaliso kuye. Nanko, umlomo uqhekeke wema ngeendlebe luncumo, ephethe into esandleni sakhe. Le nto uyinkonye ngokungathi ugcine ubomi bakhe buphela.
> Selemana ejonga kuthi, aphathe kujonga kuyo. Le nto ayenzayo yasenza sonke asaba sibe nako ukuzibamba; sakhwaza sonke simbongoza, "Soligoso! Soligoso! Nceda usityele, mfondini, yintoni le ikwenza imincili engaka?"
>
> Wabonakala utwezeka ngokuyingozi ngoku umlomo wakhe luncumo, njengoko wayeyivula ngocoselelo olukhulu loo nto ayiphetheyo.
>
> "Jongani apha", watsho ekugqibeleni urheme, "ugqirha uthe nam mandijonge ngezipetekile. Ukususela namhlanje nam ndiza kuxela izifundiswa, ndijonge ngeendleko."
>
> Kanti konke okuya kugula kungakaya kubangwa ziinkolo.

5.2.1 Abahlobo bakaSoligoso babecinga ukuba uguliswa yintoni? (1)

5.2.2 Sesiphi esinye isiganeko esenzekayo kuye? (1)

5.2.3 Abahlobo bakhe baba nankolo ni ngaye? (1)

5.2.4 Caphula izivakalisi ezibini nezibonisa ukothuka kwabahlobo bakhe kumhlathi wesi-2. (2)

5.2.5 Waye kwesiphi isimo ukungena kwakhe? (1)

5.2.6 Chonga igama elithetha ukuvuya kwesi sicatshulwa. (1)

5.2.7 Safobe sini esi; 'umlomo uqhekeke wema ngendlebe' (1)

5.2.8 Yintoni le yayimvuyisa uSoligoso? (1)

5.2.9 (a) Ingaba kwakubangwa yintoni ukugula kwakhe? (1)
(b) Ikhona yona into ekukuthakatha? (1)
(c) Yintoni ingozi yeenkolo? (1)
**[12]**

5.3 Phendula imibuzo ngesicatshulwa eislandelayo:

"Yho, wethu Nosekeni! Asikhange siphunge phaya kulaa mzi, khawundincede ngecephe lekofu neswekile.

Umfazi uthe gqada ukuya kuzithatha ezo nto, ekhululeke kunene entliziyweni ukuthi kanti ngaloo mhla akagqithisi kwezo nto zimbini.

Sashiyeka nomfazi sibuzana ngalo mntu unje. UNovenkile lo wayesengumfazana, wayezelwe ngemfazwe yamaBhulu, esemtsha ke ngoko, kodwa wayengxiba ngokwexhegwazana elidala, elazalwa ngoNgcayechibi. Wayengesiso isiswelikazi esilambayo kuba indoda layo. Kodwa noko kwakunjalo, wayequqa kuthi nakathathu ngemini, ecela yonke into phantsi kwelanga. Elalini apho kwakungasatshiwo ukuthiwa nguNovenkile; kwakuse kusithiwa nguNomacuntsu. Elo gama wayelinikelwe eso simo sokufika emzini, athi nokuba na into ayikho, makayucuntsulelwe; ulubone ke olo gqajolokazi luphethe loo macuntsu, luyithunga ilali leyo.

Loo mini ke singe siyaphumla nje, kwala ngenjika-langa, yafika intwana yakhe, UMabhaso, ize kucela ipepile. Lithe lingekatshoni, yafika enye intwanazana yakhe, uNomakula, ize kucela isibane. Abantwana bakaNomacuntsu babefikile eshumini, bonke kubonakala ukuba bafuyelwe kuphela loo msebenzi wokuba babe zezo zangqingqi zihamba zicelela unina into le yonke ephantsi kwelanga kule lali.

5.3.1 Wazalwa nini uNovenkile? (1)

5.3.2 Yintoni le wayedina ngayo? (1)

5.3.3 Ingaba wayeswele uNovenkile? Naba. (1)

5.3.4 Wayethiywe eliphi igama uNovenkile? (1)

5.3.5 Ngubani owayethunywe ukuba aye kucela ipepile? (1)

5.3.6 UNomakula yena waya kucela ntoni? (1)
**[6]**

5.4 Ngokwazi kwakho eli bali phendula le mibuzo ilandelayo.

5.4.1 UNosekeni nendoda yakhe bacinga cebo lini lokunqanda oku kucela kukaNomacuntsu? (1)

5.4.2 Basebenzisa mali ni ukuthengela uNomacuntsu? (1)

5.4.3 Kwenzeka ntoni ngacawa ithile? (1)

5.4.4 Sabanjani isimo sikaNosekeni akubona uNomacuntsu kwakhona? (1)

5.4.5 Bacinga ukuba uzokwenzani? (1)

5.4.6 Wayehambele ntoni yena uNovenkile? (1)

**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO E: [40]**

**AMANQAKU EWONKE: 80**

**ISIPHELO**